VAKALISA ULUVO LWAKHO!

UMGAQONKQUBO OLUNGISIWEYO ONGOLAWULO LWEZINTO EZIDINGWA LIZIKO (SCM)

ISixeko saseKapa limema amalungu oluntu namaqela anomdla ukuba avakalise uluvo kuMgaqonkqubo ongeSCM.

Kwakhona izilungiso zomgaqonkqubo zijolise kulungelelwaniso loMgaqonkqubo ongeSCM okunye neenkqubo eziphuculiweyo ezingohlolo llwezicelo ezingethenda nokomelezwa kwamasolotya angomngcipeheko ongabakho, kulungiselelwa iSixeko saseKapa.

Iziphumo zezilungiso ekujoliswe kuzo zezokukhusela iSixeko kumngcipheko ongabakho osusela koonokotraka, apho bathi bangabinakho ukuhlawula oonokontraka abangaphantsi kwabo kwakhona nokuthatyathwa kwamanyathelo afanelekileyo, ojoliswe konokotraka abo. Amanyathelo ongongenelelo achasene nokuxhatshazwa kwenkqubo engeSCM, athi omelezwe ngakumbi ngokuthi kwandiswe ixesha lokubekwa kuluhlu lomboneleli ngenkonzo ngokujoliswe kuluhlu labenza ubuqhopholo kwithenda, ukususela kwisihlanu seminyaka (5) ukuya kwishumi leminyaka (10). Ukuze kulungelelane nesigqibo seNkundla ephakamileyo engeZibheno, isolotya logunyaziso lochongo nalo luyalungiswa ukuze kufuneke imvume yokwandiswa kwexesha logunyaziso olujoliswe kubagqatswa abachaphazelekayo kuphela.

Ngokwecandelo 17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango 2000, Uluntu namaqela anomdla bangangenisa izimvo kumasipala ngokujoliswe kumgaqonkqubo olungisiweyo ukususela ngowe5 kweyoKwindla (Matshi) ukuya kowe7 kuTshaziimpuzi (Epreli) 2026.

Izimvo, izilungiso nezindululo zingangeniswa, ngokuthi usebenzise:

I-imeyile:	SCM.Enquiries@capetown.gov.za, ijoliswe kuAdam Kariel
Ikhonkco leintanethi:	Skena kwikhowudi iQR ukuze ungenise izimvo zakho kubuchwepheshe bale mihla
Izingeniso ezibhaliweyo:	Zinikezele kuzo naziphina iiofisi zamabhungana eSixeko okanye kwizkhiwo zamathala eencwadi eSixeko (zifakwe kwibhokisi engezimvo enikezelweyo)
Iwebhusayithi:	www.capetown.gov.za/haveyoursay and www.capetown.gov.za/collaborate

Have Your Say Platform

Collaboration Platform

Emva koko ke uMgaqonkqubo olungisiweyo ongeSCM kunye nesishwankathelo sesigqeba, uyakuthi ufumaneka ukuba uphononongwe kwiwebhusayithi yeSixeko, engu: www.capetown.gov.za/haveyoursay. Ukongeza, isishwanakathelo sesigqeba siyakuthi sifumaneke senziwe ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni, kwiiofisi zamabhungana ngexesha elingethuba lentathonxaxheba yoluntu.

IYunithi yeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba ifumane izimvo okanye izilungiso zabo ukuba zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko.

Ngokoncedo olulodwa, qhagamshelana noZandile Mahlasela kwa 021 400 5501 okanye kwi-imeyile engu Zandile.Mahlasela@capetown.gov.za.

Qhagamshelana neSixeko ngokuimeyilela kwa SCM.Enquiries@capetown.gov.za, ukuba ufuna ingcaciso ethe vetshe ngokujoliswe kumgaqonkqubo olungisiweyo okanye ngokujoliswe kwindlela ethi zingeniswe ngazo izimvo.

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
CTA39/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.